**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHEZULU**
**(Iphepha Lesibini)**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

---

**UMYALELO**

- Eli phepha linamacandelo amahlanu A, B, C, D, E.
- Abafundi mabaphendule imibuzo EMIBINI kuphela
- Kwincwadi ezintlanu ezibuziweyo, mabakhethe: iincwadi ezimbini.

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

***Khala Zome*: L.M.S. Ngcwabe**

1.1 Funda lo mhobe ukuze uphendule imibuzo:

Amathambo am abhetye-bhetye,
Kwanomzimba wam ucubhukile,
Zizo ziintlungu zind'cinezele ––
*Sekusele umphefumlo,*
*Usalinde intliziyo.*

Aniqondi nina bantwanana,
Njengomzali ndiyanyamezela;
Nina mhlawumbi nithi ndiyozela ––
*Sekusele umphefumlo,*
*Usalinde intliziyo.*

"Qeng' -qeng' -qeng' -qeqeng' -qeng'!"
Ezo ntsimbi zezomngcwabo wam;
Ngathi esaa sisidumbu sam ––
*Sekusele umphefumlo,*
*Usalinde intliziyo.*

Aniziva nina ezo ntsimbi
Zikhala njengezasecaweni,
Kodwa zikhaliswa ezulwini ––
*Sekusele umphefumlo,*
*Usalinde intliziyo.*

Intliziyo isathandabuza
Ezi nkedamana zam –– nina
Nithi ndinishiye nabani na?
*Sekusele umphefumlo,*
*Usalinde intliziyo.*

**Tyhila**

1.1.1 Sithini isihloko somhobe? (1)

1.1.2 Bhala igama elikumhlathi-1 elibonisa ukudinwa komzimba. (1)

1.1.3 Lo mguli uthi sekusele umphefumlo. Ithetha ukuthini loo nto? (2)

1.1.4 Mbono mni lo anawo lo mguli? (2)

1.1.5 Ngokwalo mhobe zikhala phi ezi ntsimbi? (1)

1.1.6 Yintoni le imthandabuzisayo, nebangela ukuba angahambi nangona sele egula kangaka? (2)

1.1.7 Ingaba uthetha ukuthini xa esithi umphefumlo wakhe usalinde intliziyo? (2)

1.1.8 Bhala izixhobo ezisetyenziswe ngumbhali, unike nemizekelo yazo. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

| Izixhobo | Umzekelo | |
|---|---|---|
| ____________ | ____________ | (8) |

1.1.9 Sifunda ntoni kulo mhobe? (1)

**[20]**

1.2 Funda kwakhona lo mhobe ukuze uphendule imibuzo:

Ntweni zonke ezikhoyo
Mtyeshelen' olidelayo
Ilizw' elimcebisayo,
Kub' uthemb' ay'thembileyo.

Le nto umntu oneenkani
Nithi wakheke kanjani?
Le nto ingafezwa bani?
Nithi ziphele nyhani?

Khanimyeke nok' aqhube,
Ningamphikis' ad' aqumbe,
Hlez' athi ngomsind' abhubhe,
Kub' asizonkan' yidumbe.

Ungafik' engcangcazela,
Ub' umlom' ubhebhezela;
Sisifo somthathazela,
<u>Ungamnqand' uyaz'bizela.</u>

Wazi yen' engekazalwa,
Akafuni kuphikiswa,
Engafuni nakunqandwa,
UnguThix' akaphendulwa.

1.2.1 Bhala isihloko somhobe. (1)

1.2.2 Kumhlathi wokuqala bhala igama elithetha ukuyeka. (1)

1.2.3 Unazimbo zini umntu onenkani? Bhala zibe ntathu. (3)

1.2.4 Lithetha ntoni ibinza elikrwelwe umgca ngaphantsi? (2)

1.2.5 Isetyenziselwe ntoni imvano siphelo kulo mhobe? (2)

1.2.6 Chonga umbuzo buciko osetyenzisiweyo kulo mhobe ngokubhala imizekelo emibini. (2)

1.2.7 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi lo mntu unguThix' akaphendulwa? (1)
**[12]**

1.3 Phendula kwakhona imibuzo ngalo mhobe:

Phay' ezingqaqeni
Ayataka-tak' amatakane;
Phay' ezadungeni
Ayaxhuma-xhuma amaxoxo;
Phay' ezintilini
Zinikin' iintloko iintyatyambo,
Zibethwa yimpepho.

Phay' emakhayeni
Ayangqusha amantombazana;
Phay' ematyholwen
Ayathwaxulana amakhwenkwana;
Phay' emadlelweni
Zithobele phants' ezakowethu,
Kuloo ntsimi yazo.

Phay' ezindywaleni
Amancoko, nezibhoxi zikho;
Phay' ezinkundleni
Amaciko, namayilo akho;
Phay' emitshatweni
Ayatyityimb' amakhosazana —
Bonke bonwabile.

Kum' emehlweni
Kuth'wa, "Likhangel' uligqibelise."
Kum' entliziyweni
Kuth'wa "Zikholise de wanele."
Kuba engcwabeni
Andisoze nd'phinde ndibubone.

*Ubuhle bomhlaba.*

1.3.1 Sithini isihloko somhobe? (1)

1.3.2 Xela isafobe esisetyenzisiweyo kumqolo-6. (1)

1.3.3 Chaza okuthethwa ngala mabinza alandelayo:

(a) Ayathwaxulana amakhwenkwe. (1)
(b) Zithobele phants'ezakowethu. (1)
(c) Ayatyityimb'amakhosazana. (1)

1.3.4 Safobe sini esisetyenziswe kumqolo-4 wevesi-3? (1)

1.3.5 Isifundisa ntoni ivesi yokugqibela yalo mhobe? (1)

1.3.6 Chonga uphindaphindo kumhlathi wesibini. (1)
**[8]**

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

***Isisila Sehobe:* S.C. Satyo no-E.F. Gwashu.**

2.1 Funda izicatshulwa ezilandelayo ukuze uphendule imibuzo:

**Isicatshulwa A**

| | | |
|---|---|---|
| **UNomatshamba** | : | Andingomntwana, Qali. Amashumi amabini anesithandathu eminyaka akandenzi mntwana. Ayindilahle-kanga le nto ndiyenzayo. Kodwa ke, ndingayibeka yona into ethi, ukuba niya kuthi nilugqithise ukulwenza uthando olo lwenu phambi kwamehlo am, iya kundidlokovisa kaloku leyo into. Mandikuxelele kwangoku. Kaloku ungowam, akungowethu, ungowam. Siyavana? |
| **UQalisile** | : | Siyavana, Tshambi. |
| **UNomatshamba** | : | Ndingudade wenu ke, hi? |
| **UQalisile** | : | *(Ehleka)*Oyena-yena dad' ethu! |

2.1.1 Mingaphi iminyaka kaNomatshamba? (1)

2.1.2 Uthetha ukuthini uNomatshamba xa esithi uQalisile ngowakhe akangowabo? (2)

2.1.3 Aba babini baza kubuquka kanjani obu buhlobo babo? (2)

2.1.4 UQalisile utshate ngaliphi ixesha noDineka? (1)

2.1.5 Baza kwenza ntoni emva komtshato wabo? (2)

2.1.6 Yintoni le eyayiza kuthunyelwa kuQalisile emva komtshato? (1)

2.1.7 Tshatisa u-A no-B.

| | A | | B |
|---|---|---|---|
| (a) | Ukutshay'isaqhuma. | A. | ukugqwashumla. |
| (b) | ukunxuba. | B. | ukuzibamba. |
| (c) | ukubamb'amahashe akho. | C. | ukwenza into kwangoko. |
| (d) | ukudlokova. | D. | ukufuna ukugoduka. |

(4)
**[13]**

**Isicatshulwa B**

| | | |
|---|---|---|
| **UMzingiso** | : | *(Ngokuzola)* Ndithi ke, Nqabsi, kunjengokuba ndikuchazela. UDineka ubuthe konk' okwakhe. Kuthe khucu kulaa mzi. Kulil' ibhungane! Yimpahla yendlu kuphela engachukunyiswanga. Phaya ndifikisene noninalume. Siye safumanisa into yokuba isitshixo usishiye kwintombazana le isebenza phaya, savula ke. Sifumene ileta ayibhalele uninalume phambi kokuba emke. Ndize nayo ukuze uzifundele ngokwakho okuthethwayo. *(Ahambise kuNqabeni.)* |
| **UNqabeni** | : | *(Efunda ngokuvakalayo)* Malume othandekayo. Ndiye ndafumanisa ukuba, obona bomi asiyomali, asibo-butyebi. Kwakhona, ndifumanise ukuba, uthando yinto enqabe kunene. Ngaxa limbi, ungacinga ukuba ulufumene uthando, kanti akukalwazi. Ekuqabukeni kwam te kwezi zinto zimbini, ndifumanise ukuba, okona kulula kukuba ndisuke ndimke phambi kwamehlo omhlobo wethu uMzingiso. Ndithandazela ukuba andixolele ngokusuka ndizifumane sendiphelelwe luthando ngakuye. Phofu ndakhe ndamthela thsuphe le ndawo; akayi kothuka kuya phi. Malume, olona thando kukhona ndilufumeneyo ngoku. |

2.1.8 Incwadi le yayivela kubani? (1)

2.1.9 Yayibhalelwa bani? (1)

2.1.10 Ngubani lo ambona esisityebi? (1)

2.1.11 Bahlobene njani uMzingiso noDineka? (1)

2.1.12 Kwenzeke ntoni ke ngoku kwesi sibini? (1)

2.1.13 Esinye isigqibo sikaDineka ibe kukwenza ntoni? (1)

2.1.14 Xa esithi uDineka ufeze konke ngezemali, ucinga ukuba uthetha ukuthini? (2)

2.1.15 Olu thando athi uDineka lolona alufumeneyo ulufumene kubani? (1)
**[9]**

| | | |
|---|---|---|
| **UNomatshamba** | : | *(Ebusanganisile ubuso)* Niza kuya eRhodesia kuyo le veki, nithatha i*Honey moon*. Niya eSalisbury ngololiwe. Niya kufikela eWestwood, kwinombolo engu*one-four-six*, kwaMahlwantsana. Ndiya kuniphathisa incwadi yokunazisa kuMahlwantsana. Wena akuyi kufika eSalisbury!<br>Uya kujika eMafeking. Akukuxakwa ke yinto omawenze yona ukumshiya kuloliwe uDineka elinde ukubuya kwakho. Uya kutsala uloliwe kunye nokuvela kwakho ubaleka umsukela, akushiye, emke nomkakho ngaphandle kwakho. Wena ke uya kuphuma esitishini, uye kwisitrato esiphakathi edolophini, eMafeking; ndoba ndikulinde apho emotweni! Mayela nemali: Uya kumshiya uDineka emotweni xa ni-bhankisha imali ngomso. Phambi kwento yonke, uya kufuna intombazana enguThozi, isebenza kwaphaya BARCLAYS BANK, kumagumbi aphezulu. UThozi lowo uya kukunika incwadi yakho yeBhanki, seyibhalwe yonke imibhalo efunekayo, imali nezitampu zonke zasebhankini. Uya kunyukela kwigumbi leshumi, nengxowa yemali ongayi-bhankishanga; wofika sendikulinde apho. Uya kuyinikela kum imali, uhambe ke wena uye kumkakho nencwadi ye-bhanki, umbonise incwadi leyo umfazi wakho, abone ukuba imali yakhe ibhaliselwe, yabhankishelwa egameni lendoda yakhe yomtshato! Siyavana ke? |

2.1.16 UNomatshamba noQalisile baya kuyoyidlela phi ihoney moon? (1)

2.1.17 Babeza kuhamba ngantoni? (1)

2.1.18 Babeza kufikela phi? (1)

2.1.19 Ngubani lo babeza kwaziswa kuye? (1)

2.1.20 Wayeza kujika phi yena uQalisile? (1)

2.1.21 Wayeza kuyenza njani yena loo nto yokwahlukana kwakhe nenkosikazi yakhe? (1)

2.1.22 Babeza kudibana njani noNomatshamba? (1)

2.1.23 Kwakufuneka ukuba abonane nabani uQalisile eBhanki? (1)

2.1.24 Imali yona kwakufuneka isezandleni zikabani? (1)

2.1.25 Yintoni eyayiza kuba ngumqondiso wokuba imali ibhankiwe? (1)

2.1.26 Ingaba le mali yabhankwa na? Naba. (2)
**[12]**

**Isicatshulwa D**

| | | |
|---|---|---|
| **UNomatshamba** | : | *(Esemoyeni)*: Lindile! Endikuthethayo ndiyaqiniseka ngako! Uthando lwam andidlalisi ngalo! Endikufungeleyo ndiyanyaniseka kuko! Endikuvumileyo andibuye ndikuthandabuze! Ndikunike lonke uthando lwam, Lindile, ndavuma ukuba yinkosikazi yakho! Ndizame kwakuko ukuyifezekisa iminqweno yokuze sihlale ubomi obungahluphekanga xa siyindoda nomfazi; oko sendikufezile. Siya kuhamba ngoLwesibini! Siyemka eBhayi, siya kwelikude, apho siya kuziqalela ubomi obutsha nezihlobo ezitsha. Andikube ndiphangele, akukube uphangele ngonaphakade! Siya kudla obokwenene bona ubomi singaphazanyiswa nto. |
| **UNomatshamba** | : | Nimisene phi ngendima yomtshato? |
| **UQalisile** | : | Siza kutshata khona ngoku; ukuthi nkqo kukateni, siyatshata! Emva komtshato eDurban, sinduluka ngoseven ngokuhlwa ukuz' eBhayi. |
| **UQalisile** | : | Sesiyigqibile yonke loo nto. Siza kulinda ukuthunyelwa kweziqinisekiso apho eBhayi; izivumelwano zokuba, yonke into iza kujolwa ndim. |

2.1.27 Zinto zini ezafungelwa nguNomatshamba ngoLindile? (3)

2.1.28 Yeyiphi ke eseyifezekile kwezi zinto? (1)

2.1.29 Yeyiphi engekafezeki? (1)

2.1.30 Ingaba ubaleka ntoni uNomatshamba eBhayi? (1)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [40]**

## ICANDELO C

## UMBUZO 3

***UMakhekhwetha:* R.F. Mcimeli.**

3.1 Funda ezi zicatshulwa uze uphendule imibuzo

**Isicatshulwa A**

"Hayi, yho. Kube nzima. Le nto wena ndiyicinge iiveki ngeeveki. Isigqibo esipheleleyo ndisenze ndakubona eli xhego lisuke lathana qhwe nodade walo ekubeni lindixelele ukuba xa lo mntwana esaphila andiyi kuchola nesenti mhla lafa. Qha ndinqatyelwe lithuba elifanelekileyo lokuyenza le nto. Lide lahlabeka ke, ndalithofiyela ngeepilisi lee cum. Ndaphule ifesitile, ndangena ngayo ndacima isibane, ndacimela ndazincama..." kubekho into ekrobokayo elizwini likaNowandile.

"Lunjani uvalo ngelo xesha, sithandwa:"

"Yhu, sukuba sathetha tat'am. Qha xa uzimisele entweni uzimisele. Esibhedlele ndiyokulaliswa ngumva-ndedwa ndikuxelele."

"Eyona mbangi, yintoni kanti...? Khawume, sithandwa ndisuse nantsi irhorho ihamba kuwe... heke. Ndithi eyona mbangi yintoni?"

"Kweli xhego ndendele imali, bhut' Zolile. Lalivuza yimali. Ndandisazi ukuba liza kukhawuleza life liyishiye yonke kum. Emva kokuba lifile bendiza kuqala ngobona bomi bam. Ubusele uyive phi le yeqonga nomculo?"

3.1.1 Umthambise njani uNowandile uMakhwekhwetha ukuze akwazi ukuphanda ityala? (2)

3.1.2 UNowandile uthathe ixesha elingakanani ecingana nolu gebengo? (1)

3.1.3 Yintoni le yamlukuhla ngakumbi ekuqhubeleni ingcinga zakhe? (2)

3.1.4 Yintoni le eyayimphazamisa ekwenzeni lo mkhuba wakhe? (2)

3.1.5 Yintoni yona imbangi yokwenza yonke le nto? (2)

3.1.6 Ungene njani kule ndlu inolu sana? (1)

3.1.7 Yaye iyintoni na imbangi yokuba angeva umyeni wakhe? (1)

3.1.8 Ingaba yaba yinto elula ngokwasentliziyweni yakhe uNowandile? Naba. (2)

3.1.9 Sifunda ntoni kwesi sicatshulwa? (2)
**[15]**

**Isicatshulwa B**

> "Aha. Linjani ibala lesono? Ngaphezulu kuthiwa nezibomvu ziyaxolelwa. Andazi nokuba ndingumntu onjani na mna ubonanje; incinci gqitha inimba endinayo, andazi nokuba yinto yokuba ndizibule ngomntwana onje na. Uthetha ukuba sithandwa, xa ndiza kuwe ndiza kuphuma ndiphaca apha?"
>
> "Asoze uhlale iminyaka engaka. Nowandile, unyamezele ukuhlala nomntu ongamthandiyo, ude ubulale umntwana wakho kanti ungaphuma ze. Nokuba akunaso isatifiketi uza kuphuma usesingawothiyo umlilo isityebi apha. Ndiza kukufunela unkonka wegqwetha. Unalo ngqo ilungelo kuzo zonke izinto zalo mfo. Sukuva laa nto bendiyithetha wena."
>
> "Owu sithandwa sam, ingathi uyaphosisa ubonanje, uyazi? Khawuze ndiphuze," kutsho uNowandile.

3.1.10 Ngubani lo waqaphela ukuba uNowandile akamthandi umyeni wakhe? (1)

3.1.11 Wamenzela mkhuba mni umyeni wakhe ukungqina ukuba akamthandi? (1)

3.1.12 Ngokabani kanye lo mntwana owazalwa nguNowandile? (1)

3.1.13 Lo mntwana kuyacaca ukuba unesikhwasilima ngokwasemzimbeni. Caphula igama elithetha oko apha kwisicatshulwa. (1)

3.1.14 Xa kusithiwa nezibomvu ziyaxolelwa kuthethwa ukuthini? (2)

3.1.15 Uthenjiswe ntoni sesi sithandwa sakhe singuZolile? (2)
**[8]**

**Isicatshulwa C**

> Kweso sithuba wayixhuzula ibhuthi esandleni sam uMakhwekhwetha yaza yakuvuleka wathi, "Mfo, masiye. Ingenil' intak'endlwini." Ndive ngokukhala kwawo amakha-mandela, ndathi ndiphuma wabe sele ephinde wakhonkxwa uNowandile. Ubonakele esothuka erhola amehlo, wabuza, "Yintoni ngoku, sithandwa?"
>
> 'Sinyandwa, sinyandwa, sinyandwa ntoni? Ucinga ukuba kakade ndithe nqa bubuhle bekhiwane? Uthi sisidenge saphi esi singaziyo ukuba le nto uyenze kweli xhego usaya kuyenza nakomnye umntu? UYehova makandixolele ngokungcatsha usizana lwabantu lwexhego. Ndizama ukwenza umsebenzi wam njengomcuphi, andinabubi banto. Khwela wena, sigebengakazindini, ndikuse apho ubusebenzela khona." Wangena emayi-mayiza umfazi ziintloni phofu yona intlungu icace gca ebusweni kuye. Idumile imoto sasendleleni.
>
> "Si! Uyinkab' amalanga, Makhwekhwetha ndikuncamile. Uyifumene njani le nto?" Ndibuzile endleleni.

3.1.16 Yayiyintoni injongo kaZolile ngokucela uthando kuNowandile? (3)

3.1.17 Ngokwesithethe nangokwasemthethweni, le ndlela ayisebenzisileyo yamkelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.18 Chonga impendulo eyiyo:

(a) ukuba yinkab''amalanga kukuba (liqhitala, yincutshe, livila) (1)

(b) ukungcatsha umntu (kukumvela ngasemva, ukumbulalala, ukumthuka) (1)

(c) ukuthatha itshanisi (kukwenza into ongaqinisekanga ngayo, kukuthatha umntu, kukunceda umntu) (1)

(d) ukunyolukela ubutyebi (kukufuna ubutyebi, ukuphisa ngobutyebi, ukucaphukela ubutyebi) (1)

(e) ukukhonkxa umntu (kukumhleka, ukumbamba, ukumncoma) (1)

(f) ubuhle bekhiwane bubhekisa kumntu ontliziyo nezenzo (ezintle, ezigwenxa, ezithandwayo) (1)

(g) ukungafumani nesipeliti (kukungafumani nto, kukuphiwa, kukusizelwa) (1)

3.1.19 Uzibonakalise njani uZolile ukuba akasatshayi ngalo nqawe yothando? Bhala izinto zibentathu azenzileyo. (3)

3.1.20 Ufunde ntoni kweli bali? (2)

**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

ICANDELO D

**UMBUZO 4**

***Sasinoncwadi Kwatanci:*** **S.C.Satyo Nabanye**

Iintsomi.

4.1 Funda le ntsomi uze uphendule imibuzo.

> Ngemini yentlanganiso lathi liphuma ilanga kwabe sekunyakazela kwaNgonyama, ikomkhulu lezilwanyana, kusisilwanyana nje, kwaye nasezindleleni eziya komkhulu kuyimiqodi nje kusiyiwa kule ntlanganiso ikubaluleka kungaka. Yabetha intlazane sekuphelelwe zizilwanyana zonke. Okunene ke ukumkani uNgonyama wayalela ukuba makuqalwe. UMfene wawandlala umcimbi ngobuchulekazi obukhulu kakhulu. Watsho, watsho, watsho, wee tyaa, esitsho nokutsho ukuthi ingxoxo ngoku uyivulela ibandla liphela, ezixelela ukuba ukumkani unqwenele nezimvo neengcebiso zingafihlwa khon' ukuze kungathi sekusithiwa kuviwene kubekho izikhalazo ezithethwa emacaleni.
>
> Ziphakamile izithethi ngezithethi zaziphokoza izimvo zazo, zicebisa ezicebisayo, zibuza ezibuzayo; zabe zonke ziyibethelela indawo yokuba lo mcimbi ngumcimbi obaluleke kakhulu, kwaye ungenakuba nasilwanyana siwugatyayo. Uninzi lwaye lusithi into eseleyo kukuba kutyunjwe usuku lokuqalisa, kubekwe nexesha. Lutyunjiwe usuku, abekwa namaxesha okusebenza, kwanenkqubo yonke yomsebenzi yacaciswa. Kuthiwe makuqaliswe kwangosuku olulandelayo ngentlazane.
>
> Uthe ngoku usihlalo akaboni nto iyenye ngaphandle nje kokuba angasuka anikele kukumkani enze ilizwi lombulelo. Kwesi sithuba kukhawuleze kwathi khwasu uDyakalashe, into kaMpungutyana, ebisakubizwa Dyaki ngabamaziyo. Uhambise wenjenje: "Sihlalo obekekileyo, makaphile ngonaphakade ukumkani, nani zidwesha zakokwethu. Andinqweneli kubuyisela le ntlanganiso emva, ndiyazi ukuthi abanye bethu kusa belapha, iintsapho noko zinokuba sezitshisana emv' emakhaya.

4.1.1 Bhala izixhobo, imizekelo nemisebenzi yezo zixhobo ezikule ntsomi.

| Izixhobo | Imizekelo | Imisebenzi | |
|---|---|---|---|
| (a) ________ | ________ | ________ | (3) |
| (b) ________ | ________ | ________ | (3) |
| (c) ________ | ________ | ________ | (3) |

4.1.2 Khawuchaze okwenzeka kwisakhiwo ngasinye sentsomi.

(a) intshayelelo (2)
(b) isiqu (2)
(c) isiphelo (2)

4.2 Amaqhina.

4.2.1 Khetha iimpawu ezintathu zamaqhina kwezi zidweliswe apha.

(a) Akuqeqesha ekukhumbuleni izinto.

(b) Anamazwi ayimvula-mlomo.

(c) Kubakho isivakalisi eside esivelisa iqhina elo. (3)

4.2.2 Gqibezela la maqhina:

(a) Nda, nda, ndee muku, nda _________ (1)

(b) Ndesuka, nda ___________ (1)

(c) Cwaka, tu, a __________ (1)

4.3 Amaqhalo.

4.3.1 Bhala iqhalo elizekwe:

(a) kwizilwanyana. (1)
(b) ezintakeni. (1)
(c) kwizinambuzane. (1)

4.3.2 Bhala imisebenzi yamaqhalo ibe mibini. (4)

4.3.3 Tshatisa uA noB

| A | B | |
|---|---|---|
| (a) ilanga alitshoni lingaphumi | ukuguquka kwegama. | (1) |
| (b) ithemba alibulali kubulala ubungxamo. | abonisa ubuciko. | (1) |
| (c) isala kutyelwa sibona ngomophu / ngolophu | abonisa isichasaniso. | (1) |

4.4 Izaci.

4.4.1 Bhala izaci ngala magama.

(a) Ukuzala. (1)
(b) Ukulala. (1)
(c) Ukufa (1)

4.4.2 Gqibezela:

(a) Ungxowa- __________ (1)
(b) Ukutsha zi__________ (1)
(c) UNam-N ___________ (1)

4.4.3 Nika intsingiselo yezi zaci.

(a) Ukuba nomvundla (1)
(b) Uphela-sonwabe (1)
(c) UMakad'enetha (1)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: [40]**

ICANDELO E

**UMBUZO 5**

***Imbadu:*** **G.B. Sinxo**

5.1 Funda izicatshulwa ezilandelayo uze uphendule imibuzo.

**Isicatshulwa A**

Asikuko nokuba wayequmbile uZongezile. Apho endlwini yakhe izwi lakhe alizange lawa phantsi. Kodwa kwezi ntsuku umkakhe, uNomadabi, wayerhole nto yimbi, ephikele ukuhamba ngayibonayo. Wayemthanda kakhulu umfazi wakhe, engazange wayiphupha nakancinane into yokumenza into embi.

Kodwa ke loo nto yayingathethi ukuba angenza nayiphi na into athanda ukuyenza. Hayi'bo! Akenzi njalo umfazi. Ewe, uyaziyolisa, aphele aphoathanda khona, kodwa yonke loo nto ibe phantsi kolawulo lwendoda yakhe elungileyo.

Ngalo mhla ke, uZongezile wayefika ekhaya, ukuvela emsebenzini ediniwe, ekruqulwe yinto yonke phantsi komhlaba. Izinto zazingemanga kakuhle; xa kunjalo ke torho, yonke indoda ilindele ukuba yakufika kwelayo ikhaya, ifike kulungile, ikhawulelwe ngobulele nothando ngumfazi wayo weenkomo. Wayefike ngentsimbi yesithandathu, ngoku kwakubethe eyesixhenxe ngokuhlwa, kodwa umfazi wakhe wayengekabuyi. Apho kwakukubi khona wayengamazi nalapho akhona, into embi kunene ke leyo ukuba yenziwe ngumfazi ongenzi nento le, ngaphandle kokuhlala ekhaya imini yonke yehlobo, engazange aqeshwe.

> Zaqingqitha zadlula iiyure, nanko esalindele. Yabetha eyesibhozo, yatsho eyethoba, yathi yakubetha eyeshumi, waqala wazilungiselela ukuya kulala.
>
> Kwala, ngelo xesha, weva ngokuhlokoma kwelizwi lomfazi wakhe, ebulisa ngobubele obukhulu. Nantso indlandlatheka intwanazana yakhe encinane, eminyaka ilishumi elinambini, uNomabali, isiya kuye. Uyityhalele phaya ngomsindokazi omkhulu kunene, wafunza kunina, esithi: "Ndixelele, Nomadabi, ukuba bubufazi na obu bokuba ube uvatshula ngobusuku kwezi zitrato zingagqitywa nayikati?"

5.1.1 Khetha okuyinyaniso.

(a) UZongezile wayequmbele (ingxabano zomsebenzi, ukungasebenzi komfazi, ukungamameli komfazi) (1)

(b) UNomadabi (wayesebenza, wayengaziwa apho aye khona yindoda yakhe) (1)

(c) UZongezile wabuya emsebenzini ngentsimbi (yeshumi, yesithandathu, yesixhengxe). (1)

(d) UZongezile wayakulala ngentsimbi (yesithandathu, yesibhozo, yeshumi) (1)

(e) (UNomabali, uNomadabi) waluleka uZongezile. (1)

5.1.2 Ngokwazi kwakho eli bali:

(a) Bhala izinto ezibonisa ukuba uZongezile wayenomsindo. (2)

(b) Inciniba iwubonakalisa njani umsindo wayo. (2)

(c) Yintoni eyathothisa lo msindo walomfo? (2)

(d) Kwathi kanti wayeyephi umfazi? (2)

(e) Kuthetha ukuthini ukuthi iminwe emithathu ikhombe kumgxeki? (2)

**[15]**

**Isicatshulwa B**

Lalitshona ilanga emana ezisizela uMpukomthi, ekhalazela yonke into le. Abazali bakhe, ababengamahlwempu amakhulu, babenze yonke into yokuba bamfundise, kuloko kwathi, ngenxa yeso similo sakhe akaze abe nakuhambela phambili, suke waphelela kwakwibanga lesithandathu ezifundweni.

Ngale mini ke, njengesiqhelo sakhe, wayeyingulu-ngulu, engafuni nabani. Nanko esihla ngendlela, esiya ngaseludadeni. Wayecinga ngobomi bakhe. "Yinto enjani le nto ibubomi!" Zahamba zatsho iingcinga zakhe. "khawukhangele ukungalungelelani kwezinto! Nanko yena eyimpula kaLujaca, zibe zonke iintanga zakhe zizalwa ngabazali abanezinto!" Yaqala ke yamnyama intliziyo yakhe, egxeka uThixo noKumkani.

Wada wahlikihla ukucinga oku akufika kumLungu. Aba ke bona abantu kwathi kwasekuzalweni baba sebezizityebi. Bonke bephela babezalwa ngabazali abazizityebi. Yonke imisebenzi yobom yayihleli ivulekile kubo. Awu! Akwaba ebengumLungu! Inene, ube uya kubona izinto zamehlo! Akwaba! Akwaba wayezalwe wangumLungu.

Khawufane ucinge abantu ukuzalwa kakuhle kangaka, kodwa ube usiva kusithiwa kukho into elihlwempu phakathi kwabo! Hayi, asibantu bafanele ukuphila! Zizifede zezifede! Hayi ukwenza kwamazulu! Kungathini ukuba yena enziwe mnyama nguMdali xa bekungathi likhe laguqulwa nje ulusu lwakhe abe ngumLungu abe yiyo yonke into ayinqwenelayo, ewe, ade abe yijaji, yibhishophu, nayo yonke into enjalo, ayeke ngonaphakade ukuba ngumgawuli weenkuni nomkhi wamanzi!

5.1.3 Sithini isihloko sebali? (1)

5.1.4 Sasinjani isimo sabazali bakaMpukomthi? (1)

5.1.5 Yintoni imbangi yokuba aphele kwibanga lesithandathu? (1)

5.1.6 Kwakutheni ukuze aye eludadeni? (1)

5.1.7 Yindawo enjani udada? (2)

5.1.8 Ngokwengcinga zakhe uMpukomthi, uthi yintoni umahluko phakathi komlungu nomntu omnyama. (2)

5.1.9 Zixhobo zini ezisetyenziswe ngumbhali ezibonisa ubuhlungu nosizi kuMpokomthi? (3)

5.1.10 Kukuba njani ukuba yimpula kalujaca. (1)

**[12]**

**Isicatshulwa C**

> Esathetha njalo, ngaphaya kwetyholo, bengamboni, weva abantu bezithethela. Tyhini, nguCengimbo, uyathetha nomnye, Lo Cengimbo ke yayilelona nqenerha likhulu apho esixekweni. Wayeliqaba elibomvu, elingazange laya esikolweni. Nanko ethetha uCengimbo: "Akwaba! Akwaba nam ndandifundile, mntakabawo! Ube uya kubona izinto zamehlo! Khawufane ucinge ukuthi abantu befundiswe luhlanga lwasemzini, abeLungu, alwabi namona, lwabafundisa zonke iindlela zokuphila, suke bona babe befeketha ngexesha, bengayisebenzisi loo mfundo! Akwaba! Akwaba ndandifundile! Khawukhangele abantu abanjengoMpukomthi abaya! Abantu abafundiswe njengaye bechitha amaxesha abo bevatshula nathi apha esixekweni! Akwaba bendinguMpukomthi! Akwaba! Akwaba!"
>
> Waqala wothuka uMpukomthi, kwasa gede kuye, waqonda ukuba impumelelo kweli hlabathi isemntwini ngokwakhe, ayenziwa bala lakhe nayeyiphi na into.

5.1.11 Ngubani lo wayethetha nomnye etyholweni? (1)

5.1.12 Sikhwasilima sini awayenaso lo mfo? (2)

5.1.13 Ucinga ntoni ngabelungu yena? (1)

5.1.14 Lo mfo ufuna ukufana nabani, ngokuba kutheni? (2)

5.1.15 Kuthetha ukuthini:

(a) ukubona izinto zamehlo. (1)
(b) ukufeketha ngexesha. (1)
(c) ukuvatshula. (1)

5.1.16 Chonga isikhuzo kulo mhlathi. (1)

5.1.17 Chonga isifanekisozwi. (1)

5.1.18 Mfundiso ni esiyifumana kweli bali? (2)
**[13]**

**AMANQAKU ECANDELO E: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**